## IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 uMasipala weSithili iHarry Gwala District Municipality uzakube unkqenkqeza phambili ngokuhambisa amanzi kuluntu kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

## ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

## ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

Ukutyhileka • Ukubonakala Ngengxelo • Ukusabela Izimvo • Ukuzimisela nokunyaniseka



# ISIQULATHISO


| | |
|---|---|
| Amazwi Omhleli | 04 |
| Amazwi esikhokelo ka-Sodolophu | 05 |
| Amazwi oMphathi ka-Masipala | 07 |
| IBhunga kunye neeKomiti | 08 |
| Indlela uMasipala wesiThili iHarry Gwala Ogcina Izinga Lococeko Lwamanzi | 10 |
| Uhlahlo lwabiwo mali lika2023/2024: Igugu likaSodolophu | 11 |
| IHarry Gwala District Marathon ka2023 | 15 |
| Kuhlonitshwe uSodolophu wesiThili iHarry Gwala ngethuba kuvulwa ngokusesikweni ii-ofisi ezintsha eBuhlebezwe | 18 |
| USodolophu ugxininisa ukubaluleka kotyelelo lecebo olumanyeneyo lophuhliso (IDP) | 20 |
| IHarry Gwala District Communicators' Forum yamkela ilungu elitsha | 22 |
| IsiThili iHarry Gwala sibambe umsitho wokusungula i-EPWP | 23 |
| UPhuhliso lwe-Informal and Micro Enterprise Kusungulwa i-IMEDP kwisiThili iHarry Gwala | 24 |
| USodolophu Nxumalo wothulela umnqwazi isikhokhelo sikazwelonke ngokunika ooMasipala abasemaphandleni ingqwalasela | 25 |
| Inkcitho Yenkxaso kaMasipala | 26 |
| I-Ofisi engumahamba nendlwana yolutsha | 27 |
| Injongo yesilumkiso ngomlilo emsebenzini | 28 |
| Iqumrhu lekomiti yolutsha nokubaluleka kophuhliso lolutsha | 29 |
| Kupheliswa iingxaki zoluntu | 30 |
| Ucweyo lolawulo lwezentlekele laMakhosi | 31 |
| UMphathiswa khoza ubongoze uluntu lwaseMzimkhulu ukubambisana norHulumente | 32 |
| IsiThili sithi ndlelantle kumphathi | 33 |
| Kusungulwa iharry gwala district marathon noonondaba | 34 |

# Sibongoza wonke ummi waseMzantsi Afrika ukuba abhalisele uvoto ukuze bathathe inxaxheba kuvoto lukazwelonke ngo2024



**UMnu uNdabezitha Tenza**
Umphathi Wezokuxhumana

SIYANAMKELA kwakhona kushicilelo lwethu. Olu lushicilelo lwethu lokugqibela kunyaka mali wama2022/23. Siyabulela ngokuba yinxalenye yethu ukusukela ekuqaleni kwalo nyaka mali, nanjengoko ushicilelo lwethu luphuma rhoqo ngekota. Le ncwadi liqonga apho sininika ingxelo ngenkqubo kamasipala ngemiba ephathelene nokuhanjiswa kweenkonzo.

Siyazingca ukunazisa ukuba sibe neengxoxo ezineziphumo ezintle nani njengabahlawuli beenkonzo zika masipala ngotyelelo locebo elimanyeneyo lophuhliso (IDP) olugunyaziswe ngumthetho. UChapter 4, Section 16(A) weLocal Government Municipal Systems Act, No. 32 of 2000 ugunyazisa ukuba "umasipala mawenze isiko lolawulo lomasipala oluhambelana nomzekelo omhle wolawulo nendlela yokubambisana ngolawulo, kwaye ngesi sizathu ukhuthaza udale namathuba okuba uluntu luthathe inxaxheba kwimigushuzo kamasipala, kuquka amalungiselelo, ukusungula kwanokuphonononga icebo elimanyeneyo lophuhliso."

Ngokuthobela lo mthetho, sidibene noomasipala basekuhlaleni abangaphantsi kwethu saze sanengxoxo nabahlawuli beenkonzo zikamasipala kuquka iinkokheli zomthonyama. Kwezi ngxoxo sikwazile ukubona umgama esele siwuhambile kuhanjiso lweenkonzo kwaneenkonzo ekumele sizihambise. Iingxoxo zethu zokugqibela noluntu lwethu ngaphambi kokuba ibhunga likamasipala livume uhlahlo lwabiwo mali zibonisa ukuphucuka koluntu esizama ukuba lulo. Injongo yethu engundoqo singuMasipala wesiThili iHarry Gwala kukungabi namfihlo kwaye sikwazi ukumela umsebenzi wethu.

Oku kungqinwa yintlanganiso ebesinayo yebhunga kwawonke wonke nebibanjelwe kumasipala waseKokstad nge 30 kuCanzibe 2023. Sinethemba lokuba imali yohlahlo lwabiwo mali evunywe esidlangalaleni izakuncedisa kwimiceli mngeni yohanjiso lweenkonzo koomasipala bethu. Sithanda ukwenza umbulelo ongazenzisiyo kuluntu laseKokstad ngokuthatha inxaxheba kwibhunga elivume uhlahlo lwabiwo mali lonyaka mali wama2023/24. Nanjengoko nisazi ukuba uxanduva lwethu olubalulekileyo ngamanzi nogutyulo lwelindle, kodwa sikwayinxalenye yokuhanjiswa kwezinye iinkonzo ezifana nezemidlalo, kungoko, simanyene namanye amasebe kunye noomasipala bethu basekuhlaleni ukuze sihambise ezo nkonzo.

Kutshanje sisingathe ngempumelelo imarathon engama42km egijima phakathi komasipala uMzimkhulu kunye noBuhlebezwe ngokutshintshisana. Iimbaleki zingenele le 8th Harry Gwala Marathon ngobuninzi bayo, ezoMzantsi Afrika wonke naphesheya kolwandle. Siyabulela ngenkxaso yoluntu lwaba masipala ababini. Inkxaso esiyifumana kuluntu lwethu ingaphezu kwemisitho yezemidlalo, nanjengoko sibone lo moya mnye kwiimbizo zikarhulumente. Kweyokwindla 2023 isebe lezimbiwa namandla lisingathe iMining Imbizo kwindawo yaseMadungeni ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe. Abantu beze ngobuninzi babo, okubonakalisa ukuba abantu basibona njengo rhulumente wabantu.

Ndigqibezela ngokubongoza bonke abemi boMzantsi Afrika, ngakumbi abahlali besiThili iHarry Gwala, ukuba babhalisele uvoto ukuze bathathe inxaxheba kuvoto lukazwelonke ngo2024 benze ilizwi labo liviwe.



**UNKS NONTUTHUKO NGUBANE**
UMXHUMANISI WOMPHAKATHI NOMASIPALA (PRO)

**UMNU LINDOKUHLE CHILIZA**
USEKELA MLAWULI: UMCWANGCISI KWEZONXIBELELWANO KWISITHILI (GCIS)

**UNKSZN FEZILE MNGONYAMA**
INTERN KWEZONXIBELELWANO

AMAZWI ESIKHOKELO KA-SODOLOPHU

# Sibhiyozela Usuku Lolutsha

NDIYANIBULISA bantu besiThili iHarryGwala! Okokuqala, mandincome ulutsha lwesi Thili sethu ngokubhiyozela ngempumelelo usuku olubalulekileyo lolutsha ngeenkqubo zemfundo ezihambisana noxanduva lwethu lokulwa neengxaki zoluntu, apho sikhuthaza rhoqo, ulutsha ukuba luyeke ukuchitha usuku kwindawo zentselo bezingcingca ngotywala nanjengo kwizenzo ezinjalo zine ziphumo ezimbi, nalapho abanye behlabana babulalane bengaphantsi kweempembelelo zotywala.

Kufuneka sihleli sikhumbula intsingiselo yolu suku, eyenzeka kweye Silimela ngo1976. Usuku lolutsha luxela intando yesininzi esizingca ngayo namhlanje, nangona kusekuninzi ekusafuneka kwenziwe ukuze kuzaliseke iFreedom Charter. Ngokomthetho asikho kude kangako. Sele sizifumene izinto ezininzi ezibandakanywe kwiFreedom Charter, ngaphezulu koko, sikufutshane sililizwe ukufumana izinto ezingundoqo ezazilwelwa lulutsha luka1976.

Okubalulekileyo ngamaxesha onke, kufuneka sikhumbule ukuba ummba womhlaba wabantu nezoqoqosho lelwizwe mazingahlali kwizandla zabantu abambalwa, koko kuthi sonke abaphilakuwo, kufanele simele okuxelwa yinkululeko yomntu ngamnye.

Usuku lolutsha lubaluleke kakhulu kwilizwe lethu nanjengoko kulu suku ulutsha lwethu olwalu cindelezekile, luye lwasukuma lwaqondana nokubulawa ngexesha lengcindezelo, bafuna imfundo esemgangathweni ese sisisekelo esibalulekileyo ukuya empumelelweni nanamhlanje.

Masivuselele umoya wolutsha lweJune 16 1976 ngokulinganisa ubugorha babo silungise indlela yolutsha lwanamhlanje ngokulukhuthaza, siluxhase, ukuze lucinge okwakhayo, lube nemibono efikelelekayo kwaye luthathe inxaxheba ekuziseni utshintsho lwanaphakade kwisizwe sethu.

Ngalentetho, ndizama ukuthi masingalibali imijuluko, iinyembezi kunye negazi lolutsha lwethu ebeligijima kwizitalatozase-Orlando eSoweto, apho kwabulawa khona amagorha athobekileyo afana no Tsietsi Mashinini, Hector Peterson, Seth Mazibuko, Mbuyis aMakhubo namanye amaninzi awabulawa ngenkohlakalo elwela ilungelo lemfundo ekhululekileyo, eszingeni nesemgangathweni.

Ulutsha lwethu lwanamhlanje luneengxaki kwaye kufuneka lumanyane ukuze luphumelele. Akukho mpi namizamo eyakhe yaliwa yaba yimpumelelo ngaphandle kolutsha.

Namhlanje, ndiyavuya ukunazisa ukuba thina, singuMasipala wesiThili iHarry Gwala, sihlahla indlela ngokuvula zonke iindlela ezizakunceda ulutshalwesiThili kwaye asifuni ukuba baxhamle nje, kokdwa mababe ngababhexeshi bekamva labo.

Sigqiba ukwamkela ukusungulwa kweYouth Council, esikholelwa ukuba izakuba yinqwelo nesitshixo esizakuvula iminyango yengomso lamathuba emisebenzi nophuhliso lolutsha. Ukuhlangabezana noku sisungule iYouth Mobile Office ezakujikeleza kuzo zonke iikona zesi siThili sethu isombulula yonke imicelimngeni engumqobo endleleni yabo, namathuba okuvula amashishini.



**USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo**

**Sigqiba ukwamkela ukusungulwa kweYouth Council, esikholelwa ukuba izakuba yinqwelo nesitshixo esizakuvula iminyango yengomso lamathuba emisebenzi nophuhliso lolutsha.**




**OOSODOLOPHU KWISITHILI (ukusuka ekhohlo ukuya ekunene) Usodolophu wase-uBuhlebezwe uceba. E.B Ngubo, usodolophu wesiThili iHarry Gwala uceba. Z.D Nxumalo, usodolophu wase-uMzimkhulu uceba J. Msiya, usodolophu weGreater Kokstad uceba L. Madikizela besamkela umahamba ngendlwana omtsha ozakunceda ulutsha kwisiThili.**

Sibekele bucala uhlahlo lwabiwo-mali oluzakujongana ngqo nophuhliso lolutsha. Siyaqhubeka ukubazisa ngaphambili ngeenkqubo zethuzika Rhulumente. Sisingatha ingoxo zolutsha kwisiThili ezibaqeqeshyoa kumashishini ahlukeneyo, siqala ngokuzoba sikhande indlela yobume necebo leshishini ukuya kwisicelo senkxaso, ukuqhuba ishishini ngempumelelo nokudala amathuba emisebenzi.

**UMasipala uBuhlebezwe uvula ii-ofisi ezintsha: Kuhlonitshwa ababe ngoSodolophu**

Ndiyazingca ngebhongo elikhulu ngokuba yinxalenye yomsitho wokuvulwa kwee-ofisi ezintsha zomasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, okungomnye woomasipala abaphantsi kwesiThili sethu.

Ambalwa amathuba afana nalana ebomini apho umntu enconywa aphinde ahlonitshwe esaphila. Beku ligugu ngokwenene ngethuba singumasipala, sikhokhelwe ngohloniphekileyo usodolophu, uceba E. B. Ngubo, esihlonipha thina sasifudula singooSodolophu ngaphambi kwakhe kumasipala wakhe, apho ndiphinde ndahlomitshwa njengo sodolophu owaxhuzula imikhala ixesha elide kula masipala sikhankanywa ngokuzisa utshintsho ukusukela kuguquko olwenziwa koorhulumente base makhaya kude kubengoku.

Oku kwenzeke phambi koMphathiswa wolawulo olumanyeneyo loorhulumente nemicimbi yemveli (Cogta) kweliphondo, u MPL Bongi Sithole-Moloi.

Uxanduva lwethu kukuphucula izidingo zophuhliso lwabantu bethu, kwaye sizakuqhubeka nokwenza sisebenze okwangoku sisanikwe ithuba ngumbutho wethu.

**IiProjekthi zophuhliso**

Ngethuba kuthiwa thaca kuluntu uhlahlo lwabiwo mali lonyaka ka2023-24, ndikhe ndakhankanya ukuba siyazingca ngenkxaso yedam iKempsale Dam.

Kule project sele lwenziwe uphando oluphicotha ukulungela ukwenziwa kwayo nama cebo aqinisekisa ukuba abantu baseKokstad bazakuhlala befumana amanzi ngamaxesha onke nangamaxesha esomiso kwiminyaka engamakhulu-khulu ezayo.

Eli dam lizakuncedisa iKokstad ngexesha lembalela ngeenjongo zokuphuhlisa ezoqoqosho kule dolophu, ngokuqinisekisa ukuba amaziko ethu onke ayasebenza ukukhuthaza abatyali-zimali ukuba baqhubeke nokutyala imali kule ndawo njenge ndawo esisizinda sesiThili ukutshala abatyali zimali nesele ikhabele mgama ngophuhliso.

Enye yeeprojekthi zophuhliso esiyicebileyo kulonyaka mali wama 2023-2024 yiprojekthi yokuphehla umbane kusetyenziswa amandla amanzi, nesele iqhutywa. Le projekthi izakuncedisa uluntu lwase HarryGwala ngokuhlinzeka ngombane, ingakumbi kwelixesha sikulo luka cimi-cimi wombane.

Kunyakamali wonyaka ka2023-2024 sizakuqhubeka kwiphulo lethu lokuphuhlisa iimpilo zabantu bethu.

Oosodolophu kwisiThili (ukusuka ekhohlo ukuya ekunene) Usodolophu wase-uBuhlebezwe uCeba. E.B Ngubo, usodolophu wesiThili uCeba. Z.D Nxumalo, usodolophu wase-uMzimkhulu uCeba J. Msiya, usodolophu weGreater Kokstad uCeba L. Madikizela besamkela umahambangendlwana omtsha ozakunceda ulutsha KwisiThili.

AMAZWI OKWANDULELA KAMENEJA KAMASIPALA

# Uxanduva lwethu silulawulo kukusungula iinkqubo neeprojekthi ezicelwe luluntu



**uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke**
uMphathi kaMasipala

NGETHUBA kuphuma ushicelelo loMasipala wesiThili iHarry Gwala elizakufundwa luluntu, unyaka mali wama2023/2024 uzakube sele uqalile, kwaye isiThili sethu sizakube sigqibezela ukusungula iinkqubo neeprojekthi koomasipala abohlukeneyo basekuhlaleni ngaphantsi kwesiThili sethu.

Ukwenza kwethu uhlahlo lwabiwo mali lama2024/2024, kukhokhelele ekubambeni kwethu intlanganiso yebhunga kawonke wonke kumasipala iGreater Kostad nalapho usodolophu weHGDM, uceba Z.D. Nxumalo, ngokugunyaziswa ngumthetho olawula ilizwe, iMunicipal Finance Management Act (MFMA), iMunicipal Systems Act kunye neencwadana ezincedisa kumasebe kanondyebo wephondo nokazwelonke, uhlahlo lwabiwo mali lomnyaka wama2023/2024 lwaxoxwa noluntu kwaze kwavunyelwana.

Uxanduva lwethu silulawulo kukusungula iinkqubo neeprojekthi ezicelwe luluntu, ukusukela ngoku ingalo yopolitiko kamasipala, ooceba, ngeekomiti zamaqela ohlukeneyo, ikomiti elawulayo kunye nebhunga likamasipala bazakuqaphela inkqubo ngaxeshanye baqhube umsebenzi wabo.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala sele wenze izicwangciso zokwaba imali yenkxaso koonyaka mali abathathu abezayo, ngolu hlobo: R 28 557 130 million, R 14 080 571 million and R 15 027 917 million ngokulandelana kwabo.

Isabelo esipheleleyo seeprojekthi ezingundoqo eziluxanduva lwethu ezizakusungulwa kubo bonke oomasipala basekuhlaleni ngaphantsi weHGDM zezi ezilandelayo:

- R 306 141 142 million in 2023/2024 financial year
- R 324 553 646 million in 2024/2025
- R 325 278 458 million in 2025/2026

Ngezantsi kuboniswa ulwakhiwo lohlahlo lwabiwo mali lama2023/2024 olubalulekileyo kuthi ukuze sikwazi ukuhambisa iinkonzo.

**Ingeniso ngentlobo:**

- Imali evunyiweyo ka2022/23 yohlahlo lwabiwo mali ilinganiselwa kwiR875 million.
- Kunyaka malai wama2023/2024 uqikelelo lwemali edityanisiweyo yiR927, 3 million.

**Imali yenkcitho**

Imali yohlahlo lwabiwo mali eyi R306, 1 million yabelwe unyaka mali wama2023/24, inyuke ngo4% xa iqhathaniswa nohlahlo lwabiwo mali oluphononongiweyo lama2022/23. Oku kwenyuka kwenziwa kukwenyuka kwenkxaso elungiselelwe unyaka mali wama2023/24, okuzanceda ekuhanjisweni kweenkonzo iphucule nokusilela kwiinkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle kwisiThili. Inkqubo yemali yonyuke ukusuka kwiR295,3 million ukuya kwiR306,1 million kunyaka mali wama2023/24 neR314,5 million kunyaka mali wama2024/25, kwayiR315,2million kunyaka mali wama2025/26. Imali yohlahlo lwabiwo mali ifunyanwa kwinkxaso mali karhulumente kwiMTREF.

Kubo bonke abasebenzi boMasipala wesiThili iHarry Gwala, ukusukela kubalawuli ukuya kubasebenzi ngokubanzi, asinyuseni iikawusi, singadinwa, singanikezeli koko masikhule siphumelele. Uxanduva lwethu lubalulekile ukukhulisa nokuphuhlisa isiThili sethu.

## ABAPHATHI ABAKHULU



**UMNU UKHULANI MTHEMBENI BRIAN MZIMELA**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lezezimali



**UNKSZN UNTOMBIFUTHI NOMVUSELELO FORTUNATE BUTHELEZI**
Imanejala kaMasipala kwiINkonzo yeNtlalo kunye noCwangciso loPhuhliso



**UMNU UNKULULEKO BIYASE**
Imanejala kaMasipala Iinkonzo Zezakhiwo / Ibambela Mlawuli: Iinkonzo Zamanzi



**UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA**
Imanejala kaMasipala KwiCandelo Lezemisebenzi




# INDLELA UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA

## Ogcina Izinga Lococeko Lwamanzi

EMZANTSI Afrika, ulawulo nonakekelo lwezinga lamanzi acocekileyo lulawulwa yimithetho eyoyamene nemithetho yehlabathi.

Ulawulo lweenkonzo zamanzi, ekungoomasipala beziThili, kufuneka benike ingxelo yezinga lamanzi rhoqo kwiNational Blue Drop System (BDS), eyaziwa nge IRIS. Ukusukela ngo 2009, oomasipala abaninzi babonakalise impucuko kulawulo lwezinga lamanzi abo, ngelixa abanye oomasipala abakwiindawo ezisemaphandleni, nabangenazo izixhobo ezaneleyo, besilela. Eyonanto exhalabisayo yeyokuba oomasipala abasemaphandleni bayohluleka ukunika ingxelo edingekayo kwaye abayithobeli eminye imithetho yolawulo lwamanzi kunezinga lamanzi ngenkqu. Oku kutsho ukuthi izinga lamanzi eHGDM alinakuhlolwa kusetyenziswa iBlue Drop nanjengoko iBlue Drop iquka nezinye izinto zolawulo lwezinga lamanzi.

Izinga lamanzi aselwayo libalulekile kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, kungoko sizama ukuba amanzi aselwayo afumaneka kwiindawo eziphantsi kolawulo lwethu abekwizinga elikhuselekileyo ukuba angatyiwa. Ukufezekisa oku, iHarry Gwala DM, njengomasipala olawula iinkonzo zamanzi, uqinisekisa ukuba onke amaziko acoca amanzi ngaphantsi kolawulo lwakhe ahlala ekwimeko entle ngokuthi aphucule kwaye asungule amacebo olawulo lwalamaziko ukuze kulawuleke amanzi nokungabikho kwizinga elilungileyo lamanzi. Oku kuquka ukuphononongwa kokusebenza ekucocweni kwamanzi rhoqo ngonyaka, apho kuhlolwa khona ukusebenza kweziko ngalinye lokucoca amanzi. Kusungulwa nenkqubo yokuhlola ingozi ngamacebo okhuseleko lwamanzi. Ulawulo lwenkqubo yokuhlola ingozi luxhomekela kwiziko, kwaye izoba unobangela wezinga lamanzi okudingeka ukuba uhlolwe kwaye uqatshelwe ntsuku zonke narhoqo ngenyanga, ukuqinisekisa ukuba amanzi ekuhlinzekwa ngawo eluntwini alungele ukutyiwa ngabantu.

Lonke uhlolo nophononongo lwamanzi acocekileyo zenziwa ngokwenkqubo evunyiweyo yolawulo kunye neendlela zendawo zohlolo (laboratory) ezisemthethweni, kwaye kuthatyathwa amanyathelo okulungisa izinga lamanzi xa iziphumo zifumanise ukuba amanzi awekho kwizinga elise mthethweni. Ukutyiwa kwamanzi aneentsholongwane kungakhokhelela kwizifo ezoyamene norhudo neziba yingozi kakhulu ebantwaneni. Iinjongo zeGDM kukunika uhlolo lwamanzi olulungileyo kwisiThili.

I-HGDM ayiniki ngqwalasela kumaziko amakhulu eenkonzo zamanzi kuphela, koko iqwalasela nezinga lamanzi koompompi basemakhaya, imithombo etsala amanzi ngaphantsi komhlaba kunye nemithombo yendalo.

Kwimithombo etsala amanzi ngaphantsi komhlaba eyembelwe uluntu ukuze lufumane amanzi angundoqo, kusetyenziswa izicoci kuxhomekeka kwizinga lamanzi emva kohlolo ngamaziko asemthethweni. Kwimithombo yasemakaya nakhona kusetyenziswa izicoci apho kukhona isidingo sokwenza oko ngumasipala.









**Usodolophu uZ.D Nxumalo ethetha noluntu kwintlanganiso yebhunga kawonke wonke ebibanjelwe eKokstad. Abaphathi, oomanejala kunye nabahlali bazalise iholo ngethuba kuqhuba intlanganiso.**

# Uhlahlo lwabiwo mali lika 2023/2024: Igugu likaSodolophu

**Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Z.D. Nxumalo uncome umasipala wakhe ngohlalo lwabiwo mali olusondele kwibillion yamarandi kuhlahlo lwabiwo mali lomnyaka wama2023/24, alubize "isisombululo kwimiceli mngeni yabantu"**

USODOLOPHU wesiThili iHarry Gwala, uceba Nxumalo ubize uhlahlo lwabiwo mali lwama2023/2024 "isisombululo semiceli mngeni" sabantu abangaphantsi kwesiThili, nanjengoko luzakuqobisana nemiceli mngeni yamanzi nogutyulo lwelindle kule ngengqi.

Uceba Nxumalo ukutsho oku ngelixa enikezela ngohlahlo lwabiwo mali olungange R909, 6 million lonyaka mali wama2023/24, oluthiwe thaca etafileni ngaphandle kwenkcaso kumalungu ebhunga likamasipala.

Umasipala uthe thaca etafileni uhlahlo lwabiwo mali eKokstad eBhongweni Youth Centre ngoLwesibini (30 KuCanzibe 2023), ngaphantsi kwenkqubo entsha kamasipala yokujikeleza kubo bonke oomasipala basekuhlaleni xa kubekwa etafileni uhlahlo lwabiwo mali lwesiThili ukuphucula ubudlelwane bolawulo lwangaphakathi kwisiThili.

Olu hlahlo lwabiwo mali luzakunceda uluntu olulinganiselwa kumawaka angama554 kwisiThili, kwaye uluntu lwaseHorseshoe eKokstad lunesizathu sokuncuma ngakumbi nanjengoko lufumene iindaba ezimnandi kwisiThili, ukuba izindlu zalo zangasese zemingxuma zizakupheliswa bafekelwe izindlu zangasese ezigungxulwayo.

Ngaphezu koko, usodolophu wesiThili uceba Z.D. Nxumalo uthe, uyazingca ngomasipala wakhe ngokuqhubeka axhase iprojekthi yedama iKempsdale kunyaka mali olandelayo. Usodolophu uthe le projekthi sele iqalile kwaye ufundo lobume beprojekthi luyenziwa ukuqinisekisa ukuba iKokstad ifumana amanzi ngalo lonke ixesha nakwiminyaka ezayo.

Eli dama lizakunceda iKokstad ngexesha lembalela ngeenjongo zokukhulisa ezoqoqosho kule dolophu, ngokumema abatyali zimali ukuba batyale imali yabo nokuqala amashishini ngaphandle koloyiko lembalela, nanjenkoko le dolophu ingenisa kakhulu kwezoqoqosho kwisiThili kwaye ikhula ngokukhawuleza.

Usodolophu Nxumalo uveze ukuba kukhona iprojekthi entsha eqhubayo yokuphehla umbane ngamandla amanzi, nezakunceda uluntu kakhulu kwiinkonzo eziqhwalelayo zombane zika-Eskom. Uceba Nxumalo ukwakhuthaze uluntu ukuba

lusebenzise umbane ngonophelo.

Kuhlahlo lwabiwo mali olulinganiselwa kwiR494.2million olubekelwe bucala ukuncedisa kwiinkqubo zesiThili, imali elinganiselwa kwiR321.3million ibekelwe bucala ukuxhasa kwimisebenzi.

Ingeniso yamatyala kamasipala ime kwiR94.1million kuquka amasebe karhulumente kunye namashishini asekuhlaleni.

Uhlahlo lwabiwo mali olupheleleyo, oluquka imali ebekelwe bucala yeHarry Gwala District Agency ilinganiselwa kwR927.3million nalapho umasipala uzakufumana iR463 631.00million.

Inkxaso yezakhiwo zikamasipala yiR235.7million ngelixa inkxaso yezakhiwo zeenkonzo zamanzi kuyiR100million.

## Ngaphantsi kubonakaliswa uhlahlo lwabiwo mali lama2023/2024

**Ingeniso ngomthombo**

Ingeniso evunyiweyo yohlahlo lwabiwo mali yama2022/2023 yiR875million. Ingeniso edibeneyo yama2023/2024 yiR927.3million. Ingenizo edibeneyo kamasipala yonyuke ngo6% okanye iR52.3million kunyaka mali wama2023/24, xa kuqhathaniswa nohlahlo lwabiwo mali oluphononongiweyo lonyaka mali wama2022/23. Kwiminyaka emibini engaphandle, ingeniso esebenzayo ikhule ngo7% ne3% ngokulandelana kwayo, xa idibana yiR101.3million ngaphezulu kweMTREF xa kuqhathaniswa nonyaka mali wama2022/23.

| HARRY GWALA DISTRICT MUNICIPALITY-REVENUE BY MUNICIPAL VOTE | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Vote Description | Current Year 2022/23 | | | 2023/24 Medium Term Revenue & Expenditure Framework | | |
| R thousand | Original Budget | Adjusted Budget | Full Year Forecast | Budget Year 2023/24 | Budget Year +1 2024/25 | Budget Year +2 2025/26 |
| **Revenue by Vote** | | | | | | |
| Vote 03 - Summary Budget And Treasury Office | 438 660 | 441 238 | 441 238 | 470 822 | 501 597 | 529 351 |
| Vote 04 - Summary Corporate Services | - | 245 | 245 | 372 | - | - |
| Vote 05 - Summary Social Services & Development Planing | 17 180 | 17 009 | 17 009 | 17 654 | 18 675 | 19 757 |
| Vote 06 - Summary Infrastructure Services | 337 554 | 335 869 | 335 869 | 354 861 | 386 489 | 387 736 |
| Vote 07 - Summary Water Services | 72 370 | 80 651 | 80 651 | 83 613 | 87 710 | 91 832 |
| **Total Revenue by Vote** | **865 764** | **875 012** | **875 012** | **927 322** | **994 470** | **1 028 676** |

**Ingeniso esebenzayo ngokhetho nangentlobo**

Ingeniso evunyiweyo yohlahlo lwabiwo mali yama2023/2024 yiR684.1million. Ingeniso edibeneyo yama2022/2023, ingesizo esebenzayo yonyuke ngo7% okanye yiR45.9million kuhlahlo lwabiwo mali lwama2023/24. Ukwehla kwemali esebenzayo kunyaka mali wama2023/24 kwenyuke ukusuka kuR81.3million kunyaka mali wama2022/23 ukuya kwiR107.7million ngo2023/24, kwiminyaka emibini engaphandle ikhule yaya kwiR96.2million, amalungiselelo amatyala amabi kunye nalawo acinyiweyo yiR58.7million. Xa umasipala ekhupha izinto ezingeyiyo imali, kushiyeka iR55.6million. Imali edibene nezengqesho kunyaka mali wama2023/24 yiR250.2million, imirholo yooceba yona yiR8.1million kunyaka mali wama2023/2024, iR6million yeDevelopment Agency, nezingqinelana nesivumelwano esityikityiwe phakathi komqeshi nomsebenzi. Imali yomrholo yonyuke ngo5.3% ngokwezibalo zokwenyuka kweCPI ngokweMFMA circular 123.

| Vote Description | Current Year 2022/23 | | | 2023/24 Medium Term Revenue & Expenditure Framework | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| R thousand | Original Budget | Adjusted Budget | Full Year Forecast | Budget Year 2023/24 | Budget Year +1 2024/25 | Budget Year +2 2025/26 |
| **Expenditure by Vote *to be appropriated*** | | | | | | |
| Vote 01 - Summary Council | 18 963 | 19 787 | 19 787 | 19 937 | 20 902 | 21 851 |
| Vote 02 - Summary Municipal Manager | 23 904 | 22 953 | 22 953 | 22 917 | 24 020 | 25 142 |
| Vote 03 - Summary Budget And Treasury Office | 83 148 | 86 578 | 86 578 | 90 559 | 94 872 | 99 417 |
| Vote 04 - Summary Corporate Services | 91 438 | 89 852 | 89 852 | 86 586 | 90 296 | 94 491 |
| Vote 05 - Summary Social Services & Development Planing | 72 345 | 69 988 | 69 988 | 75 394 | 79 255 | 83 207 |
| Vote 07 - Summary Water Services | 109 944 | 111 077 | 111 077 | 128 353 | 126 996 | 133 000 |
| Vote 06 - Summary Infrastructure Services | 208 092 | 237 951 | 237 951 | 260 408 | 272 845 | 285 635 |
| **Total Expenditure by Vote** | **607 834** | **638 187** | **638 187** | **684 154** | **709 185** | **742 743** |
| **Surplus/(Deficit) for the year** | **257 930** | **236 825** | **236 825** | **243 167** | **285 285** | **285 933** |










**Ibhunga elipheleleyo lithathe imifanekiso emva kwentlanganiso ebe yimpumelelo yebhunga kawonke wonke. Oomanejala nabaphathi abasuka kuMasipala wesiThili iHarry Gwala nabo baye bathatha imifanekiso emva kwentlanganiso ebe yimpumelelo yebhunga lika wonke wonke.**

**Inkcitho mali**
Uhlahlo lwabiwo mali lwenkcitho eyiR306, 1million kunyaka mali wama2023/2024 lonyuke nge4% xa liqhathaniswa nohlahlo lwabiwo mali oluphononongiweyo lwama2022/2023. Isizathu sokuku kunyuka kukonyuka kwenkxaso ecetyelwe unyaka mali wama2023/24, nokuzakuba nomthelela omhle wokuhanjiswa kweenkonzo nokuphucula ukusilela kwamanzi nogutyulo lwelindle kwisiThili. Inkqubo yemali yonyuke ukusuka kuR295.3million ukuya kuR306.1million kunyaka mali wama2023/24 neR314.5million kunyaka mali wama2024/25, yonyuka kwakhona kunyaka mali wama 2025/26 ukuya kuR315.2million. Uninzi lwemali yohlahlo lwabiwo mali lisuka kwinkxaso karhulumente kwiMTREF.

| HARRY GWALA DISTRICT MUNICIPALITY-REVENUE BY MUNICIPAL VOTE | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Vote Description | Current Year 2022/23 | | | | 2023/24 Medium Term Revenue & Expenditure Framework | | |
| R thousand | Original Budget | Adjusted Budget | Full Year Forecast | Pre-audit outcome | Budget Year 2023/24 | Budget Year +1 2024/25 | Budget Year +2 2025/26 |
| **Capital expenditure - Vote** | | | | | | | |
| **Multi-year expenditure *to be appropriated*** | | | | | | | |
| Vote 04 - Summary Corporate Services | 9 902 | 8 605 | 8 605 | 839 | 9 641 | 5 922 | 6 200 |
| Vote 05 - Summary Social Services & Development Planing | 4 064 | 2 709 | 2 709 | 439 | 2 267 | 2 648 | 3 058 |
| Vote 06 - Summary Infrastructure Services | 52 522 | 38 676 | 38 676 | 16 789 | 55 292 | 59 491 | 48 783 |
| Vote 07 - Summary Water Services | 231 692 | 245 364 | 245 364 | 170 308 | 238 941 | 246 494 | 257 238 |
| Vote 15 - Other | - | - | - | - | - | - | - |
| **Capital multi-year expenditure sub-total** | **298 180** | **295 354** | **295 354** | **188 375** | **306 141** | **314 554** | **315 278** |

## 1. CAPEX

**Table 3: Imali yohlahlo lwabiwo mali ngentlobo**

| DESCRIPTION | BUDGET |
|---|---|
| Water | R 209 142 990 |
| Sanitation | R 68 441 022 |
| Harry Gwala Development Agency | R 666 960 |
| Office Equipment, Computers, Municipal Vehicles and Other | R 27 890 170 |
| **TOTAL** | **R 306 141 142** |

**IMALI YOHLAHLO LWABIWO YAMA2023/2024**
Imali yohlahlo lwabiwo mali epheleleyo yiR306.1million. Uninzi lwalemali lisuka kwinkxaso yezakhiwo zikamasipala kwakunye nenkxaso yezakhiwo zeenkonzo zamanzi. Ayikho imali ebekelwe bucala yeRBIG kunyaka mali wama2023/2024. Olu hlahlo lwabiwo mali alunayo i-VAT.

**Uhlalo lwemali kumasipala ngamnye wasekuhlaleni**

| PROJECTS | BUDGET | | |
|---|---|---|---|
| | **2023/2024** | **2024/2025** | **2025/2026** |
| Kokstad | R 29 566 864 | R 67 330 109 | R 43 290 709 |
| NDZ | R 67 291 698 | R 103 093 439 | R 120 593 973 |
| Ubuhlebezwe | R 61 549 991 | R 54 500 391 | R 40 200 782 |
| Umzimkhulu | R 119 175 459 | R 75 549 136 | R 96 165 077 |
| Internal | R 28 557 130 | R 14 080 571 | R 15 027 917 |
| Bulwer Dam & Surroundings | R 0 | R 10 000 000 | R 10 000 000 |
| **TOTAL** | **R 306 141 142** | **R 324 553 646** | **R 325 278 458** |







**Umanejala womasipala uMnu. G.M Sineke ehamba nosodolophu uceba Z.D Nxumalo beyoqalisa inkqubo yentlanganiso yebhunga kawonke wonke. Umxholo wosuku bekuyimibala omnyama nomhlophe, kuxutywe nobomvu, oye wahlonitshwa ngumntu wonke.**

# I HARRY GWALA DISTRICT MARATHON KA2023




**UMasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe ngempumelelo iMarathon apho kuye kwangenela iimbaleki eziqikelelwa kumakhulu amahlanu (500).**

KUFEZEKE iphupho kwimbaleki eyinzalelwane yesiThili iHarry Gwala ethabathe indawo yesibini kumdyarho walonyaka, nanjengoko ebegijima ekhaya.

USinethemba Tshangase (24) waseMzukhulu wamkelwe ngoosodolophu boomasipala abohlukeneyo ngaphantsi kwesiThili, kunye nosapho lwakhe kumgca wokugqibela ngeCawe (14 KuCanzibe 2023), emva kokugijima i42.2km, ekuyenye yezigaba zomdyarho okhula ngokukhawuleza KwaZulu-Natal.

Akubona usapho lwakhe, kwanokuthi uphume kwindawo yesibini, uTshangase akakwazanga ukuzibamba koko uye wakhala iinyembezi zovuyo.

"Ndithanda ukugqithisa umbulelo kumntu wonke, ndiyavuya, ndiyaqala ukugijima umdyarho ekhaya kwaye ndiyaqala nokuphuma kwindawo yesibini. Bendingazi ukuba ndingaphumelela. Ndikhala ngoba ndiyavuya kakhulu ukubona usapho lwam, nomntu wonke oze kundamkela emgceni wokugqibela. Lifezekile iphupho lam lokugqiba lo mdyarho phakathi kwabathathu bokuqala edolophini yam," utshilo uTshangase.

Ophumelele kwindawo yokuqala kulo mdyarho nguJobo Khatoane waseLesotho, ngexesha eliyi 2:16:47, ixesha likaTshangase libe yi 2:17:59, kwindawo yesithathu kwaba nguBonginkosi Mavuso ngexesha eliyi 2:19:12.

UKhotoane ufumene ibhaso lokuqala eliyiR50 000, uTshangase goduke neR30 000 nanjengoko ephume kwindawo yesibini, waze uMavuso wafumana iR15 000.

Kwabasetyhini indawo yokuqala ithathwe nguZinhle Shabalala, olele emgceni ngexesha eliyi 2:46:13, kwindawo yesibini kube nguMswawenkosi Nsibande ngexesha eliyi 2:58:20, kwaze kwindawo yesithathu kwangena uJennifer Koech ngexesha eliyi 3:00:04.

UShabalala uzuze iR50 000, uNsibande iR30 000 uKoech yena iR15 000.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo uthe, bekumnandi ukubona ukuba abathathi nxaxheba abaninzi kulo mdyarho ziinzalelwane zalapha kwisiThili kwaye nolutsha belungenele ngobuninzi balo.

"Lo mdyarho uyakhula unyaka nonyaka kwaye kuyonwabisa ukubona abantu kwesisiThili bengenela lo mdyarho. Kulo nyaka sibone imbaleki esuka eMzimkhulu iphuma kwindawo yesibini, siyamvuyela kakhulu kunye nosapho lwakhe. Sithi huntshu kwabaphumelele lo mdyarho nakubo bonke abathathe inxaxheba. Kunyaka ozayo uzakuba mkhulu ngakumbi, kwaye uzakuba ngcono," kutsho usodolophu Nxumalo.

U Masipala wesiThili iHarry Gwala ubambisene no-uBuhlebezwe Local Municipality, uMzimkhulu Local Municipality, uDepartment of Sport, Arts and Culture, Genius Athletic Club kunye nabanye abahlawuli beenkonzo zikamasipala ukusingatha le Harry Gwala Marathon.

Bebonke abathathe inxaxheba kulo mdyarho bebengama459.

Lo mdyarho uqale eHighflats (R612), wayophela e-uMzimkhulu College.

Iimbaleki kulo mdyarho zabelene ngemali elinganiselwa ngaphaya kwamaR400 000.00.

Umbhexeshi womdyarho uCeli Makhoba naye uthe huntshu kwiimbaleki.

"Ndithanda ukuncoma bonke abathabathe inxaxheba kwiMarathon ka2023. Sibulela uThixo nanjengoko imozulu ibingecala lethu, okuncede iimbaleki ukuba ziwonwabele umdyarho. Iimbaleki zifumene konke ezikudingayo endleleni. Oku bekungazu kwenzeka ngaphandle kokuzinikezela kwekomiti yabaququzeleli. Ndithanda ukubulela wonke umntu ofake isandla ukwenza le marathon ibe yimpumelelo," utshilo uMakhoba.




























**Oosodolophu nabo bebe ngenele lo mdyarho, nanjengoko nabo begijime neembaleki ukuzikhuthaza. Amabhaso angaphaya kweR400 000 anikwe iimbaleki eziphumeleleyo.**

## IZIPHUMO ZEHARRY GWALA MARATHON

**Amadoda 42.2 km**
1. uJobo Khatoane 2:16:47
2. uSinethemba Tshangase 2:17:59
3. uBonginkosi Mavuso 2:19:12
4. uSphamandla Nkosi 2:10:20
5. uPhumlani Dlamini 2:21:43
6. uSiboniso Skhakhane 2:23:15
7. uMholi Jali 2:25:13
8. uMfundo Chagwe 2:25:51
9. uTsepo Mathibelle 2:25:51
10. uSiyabonga Nkonde 2:26:09

**35 - 39**
1. uLuthando Hejana 2:37:25
2. uBongumusa Zondi 2:44:54
3. uThandokwakhe Ndlovu 3:07:15

**40 - 49**
1. uBareng Moqett 2:36:59
2. uJustice Sawana 2:45:43
3. uMkhaliseni Ndwalane 2:50:38

**50 - 59**
1. uMichael Ndlovu 2:47:03
2. uMbongeni Sosibo 2:51:06
3. uTuhembinkosi Gumde 3:10:54

**60 - 69**
1. uNkosi Ndlovu 3:20:36
2. uWillie Majombozi 3:37:32
3. uBongani Ndlovu 3:40:26

**Abafazi 42.2km**
1. uZinhle Shabalala 2:46:13
2. uMswawenkosi Nsibande 2:58:20
3. uJennifer Koech 3:00:04
4. uLikeleli Majara 3:09:27
5. uRefiloe Khechane 3:10:59
6. uBanele Mabizela 3:12:57
7. uNokuthula Ntshangase 3:17:17
8. uLeeketseng Molefe 3:18:09
9. uLeneo Lebotla 3:23:04
10. uMasoabi Tsoeu 3:30:36

**35 - 39**
1. uMasoabi Tsoeu 3:30:36
2. uZodwa Magidigidi 3:35:53
3. uNkediseng Malongoana 4:29:05

**40 - 49**
1. uJennife Koech 3:00:04
2. uLieketseng Molefe 3:18:09
3. uLineo Lebolta 3:23:04

**50 - 59**
1. uHleziphi Ncayiyana 4:12:25
2. uThokozile Zulu 5:05:29
3. uZukiswa Kula 5:18:06

**21.1km Ovulelekile Amadoda**
1. u-Ayanda Ngcobo 1:02:00
2. uSipho Mbanjwa 1:02:45
3. uLungelo Khumalo 1:02:55
4. uTeboho Noosi 1:03:32
5. uKabelo Lesia 1:05:21

**21.1km Ovulelekile Abafazi**
1. uJenet Mbhele 1:10:31
2. uMathakane Letsie 1:15:03
3. uNomasebesti Khajoane 1:17:19
4. uReitumetse Thethana 1:18:28
5. u-Andisiwe Njunguza 1:19:09

**10km Ovulelekile Amadoda**
1. uSibusiso Kubheka 28:09
2. uPakiso Mthembu 28:17
3. uSbonelo Khumalo 28:56
4. uBongukwanda Shezi 29:55
5. uMluleki Mbatha 30:03
6. uThabiso Mnculwane 30:15
7. u-Andile Mbatha 30:25
8. u-Emmanuel Seetsi 30:32
9. uSabata Elias 30:35
10. uSphamandla Goba 30:53

**10km Ovulelekile Abafazi**
1. uMolutubete Makatisi 34:21
2. uRorisang Tlhoba 37:27
3. u-Inganathi Ngubo 38:12
4. u-Anele Ndawonde 38:35
5. uThembekile Mjwara 38:37
6. uSiphokazi Nkabane 39:25
7. u-Amanda Nkomo 39:40
8. uRefiloe Karreebos 40:36
9. uNonhle Dlamini 41:51
10. uThobeka Phungula 43:52



**Umasipala uBuhlebezwe Local Municipality uvule ngokusesikweni ii-ofisi ezintsha ngomxholo wase-Afrika. Bekumbeje-mbeje kweli theko elibalulekileyo ebelizinyaswe ngumphathiswa weCooperative Governance and Traditional Affairs (Cogta) uBongiwe Sithole-Moloi, oosodolophu kunye nababphathi.**

# Kuhlonitshwe usodolophu wesiThili iHarry Gwala ngethuba kuvulwa ngokusesikweni ii-ofisi ezintsha eBuhlebezwe

KUKHONA isitsho phesheya kolwandle lonke ilizwe jikelele esithi: "nika umntu iintyatyambo ngelixa esakwazi ukuzinukisa."

Oku kuye kwenzeka kusodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z.D. Nxumalo, nothe ngenxa yothando lomsebenzi wakhe wokuphuhlisa uluntu, ukuthobeka kwakhe kunye nezenzo zakhe, eye wahlonitshwa ngegalelo lakhe sisikhokhelo esiphetheyo sase-uBuhlebezwe Local Municipality, ngelixa wayengu sodolophu walomasipala.

Oku kwenzeke ngethuba kuvulwa ngokusesikweni ii-ofisi ezintsha zoMasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, nalapho usodolophu walo masipala uceba N.B. Ngubo echaze ukuba bakwahlonipha uceba Z.D. Nxumalo, oxhuzule imikhala ixesha elide kulo masipala.

Igama likaceba Nxumalo liphakathi koluhlu lwamagama abhalwe kumfanekiso oxhonywe kudonga lalomasipala, kuquka nexesha akhokhele ngalo kulo masipala. "Siyamhlonipha uceba Nxumalo nanjengoko exhuzule imikhala ixesha elide kunabo bonke," kutsho usodolophu Ngubo.

Umphathiswa weCogta KwaZulu-Natal uBongiwe Sithole-Moloi, nobe yinxalenye yalo msitho, uncome umasipala uBuhlebezwe ngee-ofisi





**Isinxibo saseAfrika besidla umhlanganiso ngosuku lokuvulwa kwee-ofisi zase-uBuhlebezwe.**

# UDONGA LWEENKOKHELI ZOMASIPALA ZABABE NGOOSODOLOPHU




> ***Lo mfanekiso uhlonipha bonke ababe ngoosodolophu bomasipala wethu. Imvelaphi ayinawo amakhasi angabhalwanga.***
>
> **- uSodolophu Ngubo -**

- **CLLR C LEA COX:** 1995 - 1996
- **CLLR M PEER:** 1996 - 1998
- **CLLR TL MAHLABA:** 1998 - 2000
- **CLLR DW KHUMALO:** 2000 - 2004
- **CLLR TL MAHLABA:** 2004 - 2006
- **CLLR NJ PETERSON:** 2006 - 2011
- **CLLR ZD NXUMALO:** 2011 - 2019
- **CLLR EB NGUBO:** 2019 TO DATE





**Usodolophu ababesebenzela umasipala uBuhlebezwe baye bahlonitshwa ngethuba kuvula ngokusesikweni ii-ofisi. Aba ngamanye amalungu ebhunga kunye nabaphathi ebebe zimase lo msitho.**

zawo zebhunga ezintsha. Lo msitho omhle kangaka, obungqwamene nosuku i-Africa Day, ubonise ukubaluleka kwemvelaphi yalo masipala.

Umphathiswa Sithole-Moloi uvule esi sakhiwo esiphucukileyo, nesibonisa isigaba esitsha kumasipala uBuhlebezwe. Esi sakhiwo siyimpendulo yomceli mngeni wokunqongophala kwendawo, nalapho kuqinisekiswe ukuba wonke amasebe abalulekileyo ayafumaneka, kuquka i-ofisi yebhunga likamasipala, isakhiwo sezemisebenzi kunye nee-ofisi zendyebo.

Umphathiswa uncome umasipala uBuhlebezwe ngokuzinikezela kwabo ukuhambisa iinkonzo ezingundoqo kuluntu, nokuba benendawo encinci. Ubakhuthaze ukuba mabazikhuthaze bathathe amandla kwii-ofisi zabo eziphucukileyo ezintsha.

Umphathiswa uSithole-Moloi uqhubeke wancoma usodolophu womasipala uBuhlebezwe ngobuqhawe bakhe bobukhokheli ngokugqiba ngempumelelo le projekthi. "Njengosodolophu wasetyhini, usodolophu Ngubo ungumzekelo kuthi sonke, ubonisa indima ebalulekileyo edlalwa ngabasetyhini ukubhexesha impumelelo nophuhliso kuluntu lwethu," kutsho umphathiswa.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo naye uncome uBuhlebezwe ngomsebenzi omhle wathi oku kuzakunceda ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili.





**Usodolophu uceba Z.D Nxumalo esenze intetho yakhe kutyelelo lwe-IDP. Ukhuthaza abahlawuli beenkonzo zikamasipala ukuba bahlawulele iinkonzo abazinikwa ngumasipala.**

# Usodolophu ugxininisa ukubaluleka kotyelelo lecebo olumanyeneyo lophuhliso (IDP)

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo ugxininise ukubaluleka kwe-IDP esithi, "yinqwelo ephikisana nokuthi oomasipala bahambela kude noluntu." Utyelelo lwe-IDP ziinkqubo ezigunyazisiweyo zikarhulumente eziqinisekisa ukuba oomasipala banxibelelana noluntu xa besenza uhlahlo lwabiwo mali lwabo lonyaka. Uhlahlo lwabiwo mali loomasipala lwenziwa yi-IDP, umqulu wocebo oquka izidingo, neminqweno ebalulekileyo yoluntu.

Oosodolophu boomasipala bonke, ooceba beewadi, amakomiti eewadi kunye nabahlawuli beenkonzo zika masipala, bathatha inxaxheba kutyelelo njenge nxalenye yokwakha iqonga lokuba uluntu lunike umhlahla ndlela wohanjiso lweenkonzo ezilufunayo kwanoku fumana ingxelo kumsebenzi owenziwa ziiprojekthi ezingekagqitywa.

Le yinkqubo eyenziwa rhoqo ngonyaka eyenziwa nguMasipala wesiThili iHarry Gwala. Injongo yezi ndibano kukunikeza ingxelo ngengeniso ebhaliweyo yexesha eliphakathi, inkcitho yonyaka mali oqhubekayo kwakunye neminyaka emibini elandelayo.

Xa esenza uhlahlo lwabiwo mali uceba Z.D. Nxumali ujonga i-IDP kamasipala athathe amanyathelo abalulekileyo ukuqinisekisa ukuba umasipala uphononhonha i-IDP, ngokoyamene noSection 4 weMunicipal Systems Act, ngaxeshanye eqhathanisa izidingo zoluntu nenkqubo yengeniso nenkcitho zeminyaka ezayo, ekwathatha ingqalelo yolawulo lwelizwe kunye nezoqoqosho.








**Amalungu oluntu aye kwimiboniso yendlela ye-IDP ukumamela izicwangciso zoomasipala beSithili nooMasipala. Amagosa kunye nooCeba nabo bebezimase i-IDP bethetha noluntu.**





**Amalungu oluntu ebezimase utyelelo lwe-IDP ukuzomamela ngezicwangciso zesiThili kunye noomasipala basekuhlaleni. Abaphathi kunye nooceba nabo bebeyinxalenye ye-IDP ukuzothetha noluntu.**

Abaphathi kubo bonke oomasipala basekuhlaleni: uBuhlebezwe, uMzimkhulu, Greater Kokstad kunye neDr. Nkosazana Dlamini-Zuma bathathe inxaxheba kolu tyelelo.

Ucebo lokuhanjiswa kweenkonzo okuquka amanzi nogutyulo lwelindle luzakuhlala lingummba okuthethwa ngawo kakhulu kuluntu oluhlukeneyo kwisiThili.

Usodolophu Nxumalo, ngexesha leentlanganiso ze-IDP nabahlawuli beenkonzo zikamasipala kunye noluntu oluhlukeneyo, ukhuthaze bonke ukuba balondoloze amanzi kwaye bahlawule iinkonzo abazinikwa ngoomasipala, nanjengoko lamaziko ephila ngengeniso, okutsho ukuthi kufuneka baqokelele imali ngaphambi kokuba basungule ukuhanjiswa kweenkonzo okucetyiweyo nokufunwe luluntu.

Olu tyelelo kunceda ukwenza isicwangciso socebo lophuhliso, lunceda ukunika umhlahla ndlela kwicebo, ulawulo nophuhliso kwanokukhokhela ukusungulwa nezigqibo, ngokuthi kufuneka baqwalasele izimvo neengcebiso zoluntu nabahlawuli beenkonzo zikamasipala kwindawo zonke ezingaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Kwezi ntlanganiso, abantu banikwa ithuba lokubuza imibuzo baveze izimvo zabo ngonkxalabo ngokuhanjiswa kweenkonzo neminye imiba ephathelene noku.








**Igqiza lezonxibelelwano kwisiThili iHarry Gwala lamnkele ilungu elitsha leDistrict Communicators Forum (DCF), ngethuba kuqhuba intlanganiso, nequka uquqesho lwabanxibelelanisi.**

# IHarry Gwala District Communicators' Forum yamkela ilungu elitsha

IHARRY Gwala District Communicators' Forum yamkele phantsi kwephiko layo intloko kwezo nxibelelwano esuka kumasipala iGreater Kokstad Municipality.

Le ntlanganiso iquke ukwamkelwa kotyunjwe njengentloko kwezo nxibelelwano uMnu. Zolani Sqwayi, ngokuncediswa yiGovernment Communication and Information System (GCIS).

Injongo yolucweyo kufaka abezonxibelelwano kwinkqubo yezonxibelelwano karhulumente ukuze babe nolwazi lomsebenzi nokuthi bangena kanjani kwinkqubo yezonxibelelwano karhulumente ukuze bakwazi ukubambisana xa benxibelelana noluntu koomasipala ababasebenzelayo.

IDistrict Communicators Forum liqonga labezonxibelelwano apho bexoxa ngemiba yonxibelelwano karhulumente ephucukileyo kwisiThili kunye nezisombululo ezilula ukuphucula izinga labo lomsebenzi, nanjengoko indawo abasebenza kuyo iphucuka rhoqo. Le Forum idibana rhoqo ngekota kwaye ibhexeshwa ngumphathi wezonxibelelwano kuMasipala wesiThili iHarry Gwala uNdabezitha Tenza.

Kwimiba ekuxoxwe ngayo kuboniswe ngemisebenzi egqithileyo ye Local Government Communicators Forum ne-agenda yeLocal Government Communicators Forum elandelayo.





**Umphathi wezonxibelelwano eGreater Kokstad uMnu. Zolani Sqwayi wamnkelwe ngezandla ezishushu ngamalungu eDCF.**

# IsiThili iHarry Gwala sibambe umsitho wokusungula i-EPWP




**Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala eceba Z.D Nxumalo ubongoze abasebenzi abangaphantsi kwe-EPWP ukuqinisekisa ukuba basebenza nzima wacela ukuba kuqeshwe abantu abaninzi phantsi kwale nkqubo.**

I-KWAZULU-NATAL Department of Public Works kunye noMasipala wesiThili i-Harry Gwala, zisingathe i-EPWP Focus Week Activation Programme ePeace Initiative Hall e-Ixopo. Ohliniphekileyo usodolophu wesiThili uceba Z.D. Nxumalo, uthe kubalulekile ukuba abo abaqeshwe phantsi kwe-EPWP bafunde izakhono eziyimfuneko abazinikwa kwimisebenzi yabo eyohlukileyo kwaye bazimisele, bazinikezele emsebenzini wabo.

Usodolophu ukwaveze nomnqweno wakhe wokuba abantu abanintsi kwisiThili baqeshwe phantsi kwe EPWP, ukwacele nesebe lezemisebenzi yoluntu ukuba onyuse uhlahlo lwabiwo-mali.

“SisiThili into esingathanda ukuyibona ngabantu abanintsi beqeshwa phantsi kwe EPWP, singathanda nokubabona befumana izakhono ezifanelekileyo ukuze bakwazi ukwenza umsebenzi wabo kangangoko benako,” utshilo usodolophu u-Nxumalo.

Injongo ye-EPWP Focus Week kukuphucula ulwazi nge-EPWP nokuqondwa ngawo wonke amaqumrhu oluntu afanelekileyo, amaqumrhu karhulumente (SOEs) kunye noluntu kwanokuphucula ukusungula okulungileyo nengxelo kumaqumrhu oluntu nokwandisa kwindlela zokudala amathuba omsebenzi.

Umququzeleli wesiThili iHarry Gwala u-Nkszn. Zanele Bavu, uthe isithili siqhuba kakuhle kakhulu kwiinkqubo ze-EPWP kwaye kunintsi okungaphumelela.

Umnu. D.B. Dlamini, ongumphathi omkhulu wale nkqubo uthe i-EPWP mayingenziwa ngezopolitiko nangeyiphi na indlela. “Silapha sizovezelana iimbono nokuva ukuba abathathi-nxaxheba bajongene nantoni emsebenzini. Nokukhuthaza ukuba sizimisele emsebenzini wethu siyi-EPWP,” utshilo u-Dlamini.

Abathathi-nxaxheba bakwakhuthazwe ukuba bohlukane nokubeka i-EPWP endaweni emnyama ngokungenzi imisebenzi yabo ngokulindelekileyo.














**Ngexesha le-EPWP Focus Week, abasebenzi bazibandakanye kucweyo. Ebebe yinxalenye yalo msitho ngusodolophu wesiThili uceba Z.D. Nxumalo, isekela lakhe ucea T. N. Jojozi, abaphathi abasuka kwisebe lemisebenzi yoluntu, abaphathi sesiThili, abanye oomasipala basekuhlaleni kunye nabahlali.**




**Amashishini asakhayo kwisiThili iHarry Gwala afumene uncedo abaludinga kakhulu kwisebe lophuhliso lwamashishin asakhasayo noSEDA, kumasipala uBuhlebezwe kunye neHarry Gwala Development Agency (HGDA).**

# UPHUHLISO LWE-INFORMAL AND MICRO ENTERPRISE KUSUNGULWA I-IMEDP KWISITHILI IHARRY GWALA

NJENGOKUBA uMzansi Afrika usokha kwakhona emva kwesifo i-Covid-19, naphakathi kweziphumo zokwehla kwezoqoqosho, uqoqosho olungekho sesikweni luyaqhubeka nokudlala indima yokujongana nentswela ngqesho kunye noku lungiselela ilizwe ngokuchacha kwezoqoqosho.

Luxanduva luka rhulumente ukuhlola ukuba amashishini angekho sesikweni abuyela njani, ukuba aqhuba njani kwaye loluphi ungenelelo olongenziwa ukuncedisana nawo angawi. Njengenxalenye ye-National Informal & Micro Enterprise Development Programme (IMEDP), usekela mphathiswa u-Dipuo Peters we-Department of Small Business Development ebekwisiThili i-Harry Gwala e-Peace Initiative Hall e-Ixopo. Usomlomo kwisiThili i-Harry Gwala, uceba Mdunge, usodolophu we-uBuhlebezwe Local Municipality, uceba E.B. Ngubo kunye nomphathi we-Harry Gwala Development Agency uNkosikazi Whyte bebekhaphe usekela mphathiswa.

I-Department of Small Business Development ibambisene ne SEDA kunye noomasipala basekuhlaleni, babonelele ngezixhobo kumashishini angekho sesikweni nasakhasayo nge-IMEDP. I-IMEDP inikeza isibonelelo esingu 100% kumashishini angekho sesikweni asebenza kwiilokishi nasezilalini ngengqalelo ebhekene ngqo nabaxhamli ekujoliswe kubo abafana nabantu basetyhini, ulutsha, kunye ne-PWDs. I- IMEDP ixhasa amashishini angasekwanga ngokusesikweni nasakhasayo ngokubanikeza izixhobo zokusebenza. Le nkqubo izama ukukhawulezisa ukukhula kwalamashishini ngokwenza ngcono ukhuphiswano lwawo kunye nozinzo lwawo ukuze ibe ngamashishini asekwe ngokusesikweni kuqoqosho oluqhelekileyo.

Injongo yelinyathelo ibikukuphakamisa abaphathi bamashishini kwicandelo elingekho sesikweni ngokubanikeza izakhono ezakhayo nokubafundisa, kunye nezixhobo ezizobancedisa ekubeni bazinze nokhuphiswano. Babengamashumi amabini anesine abathe baxhamla kwisithili i-Harry Gwala.





**Utyelelo lolawulo lukazwelonke koomasipala basekuhlaleni lushiye uphawu kuluntu lwaseMadungeni. U Ggq. Nobuhle Nkabane, kunye nabanye oosekela mphathiswa batyelele kolu luntu bazisa iinkonzo eziludinga kakhulu.**

# Usodolophu Nxumalo wothulela umnqwazi isikhokhelo sikazwelonke ngokunika oomasipala abasemaphandleni ingqwalasela

USODOLOPHU wesiThili i-Harry Gwala , uceba Z.D. Nxumalo uqhwabele izandla abaphathiswa namasekela ngokutyelela kwabo isiThili njengenxalenye yokufumana izisombululo ezisisigxina kwimiceli mngeni yokuhanjiswa kweenkonzo eqhubeka ngokugqubungela oomasipala basezilalini.

Usodolophu wesiThili, uceba Nxumalo usasaze umbulelo ngexesha lembizo karhulumente ibibanjelwe kwindawo yoluntu i-Madungeni leyo ibizinyaswe lisekela mphathiswa lesebe lezimbiwa namandla, uGqirha Nobuhle Nkabane, kunye nabanye oosekela mphathiswa abaquka, u-Pamela Tshwete ongusekela mphathiswa wesebe lokuhlaliswa koluntu, uGqirha Sibongiseni Dlomo ongusekela mphathiswa wesebe lezempilo; usekela mphathiswa kwezoburhulumente, ukubeka esweni novandlakanyo, uNkosazana Pinky Kekana; usekela mphathiswa wesebe lezemisebenzi, uNkosazana Boitumelo Moloi kunye nosekela mphathiswa wesebe lemicimbi yasekhaya, uMnu. Njabulo Nzuza.


Le-Imbizo ibiyinxalenye yenkqubo yaseburhulumenteni kunye ne District Development Model (DDM) elungelelanisayo kwaye edibanisa womathathu amanqwanqwa karhulumente ngezicwangciso zophuhliso kunye nohlahlo-lwabiwo mali, ukuhlanganisa umthamo kunye nezixhobo zikarhulumente, uluntu lwasekuhlaleni, amashishini, abasebenzi noluntu, ukusukela ukukhula nokudalwa kwemisebenzi.

Oosodolophu boomasipala basekuhlaleni ngaphantsi kwesiThili babelene ngemvakalelo ezifanayo nezika sodolophu u-Nxumalo, ekuxabiseni iinkqubo ezifuna ukuphakamisa uluntu lwasezilalini kwimpi eqhubekayo yokulwa nentlupheko. “Siziva sibalulekile kakhulu ukuba nabo bonke osekela mphathiswa kwisiThili sethu, ukusizisela ukuhanjiswa kweenkonzoto. Sineenkonzo zemicimbi yasekhaya, kunye neenkonzo zempilo, zonke zibonelelwe kulendawo. Kuyabonisa ukuba lorhulumente uyayazi into edingwa ngabantu kwaye ubonelela ngokufanelekileyo, “utshilo usodolophu Nxumalo.

Ngamnye ngamnye usekela mphathiswa uzise iinkonzo kwisebe lakhe ngolusuku, kuquka ukukhutshwa kwezazisi, kunye nokujongana nengxaki ye-UIF, ezokuhlala kunye nezempilo.

Lembizo ibijongene neengxazi zezimbiwa namandla ezichaphazela uluntu lomasipala wendawo i-uBuhlebezwe, kunye namashishini wezembiwa kulendawo.

Yonke lento isemgceni nesimemo sika mongameli u-Cyril Ramaphosa ukwenza indlela eqinileyo ye- District Development Model (DDM) kunye namaqela angaphakathi korhulumente azosebenza ngokubambisana ukuphucula iimpilo zoluntu kwisiThili ngasinye.









# Inkcitho Yenkxaso kaMasipala







**Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Z.D. Nxumalo ugxininise ukubaluleka kocebo lwenkxaso kamasipala yezakhiwo (MIG). IsiThili sibambe iintlanganiso rhoqo ngeveki ukwenza olu cebo.**

NGEENJONGO zokuphucula ubudlelwane bangaphakathi eburhulumenteni kwisithili iHarry Gwala, umasipala ubambe i-the Municipal Grants Expenditure workshop, ibiquka bonke omasipala bendawo.

Injongo ibikukuqinisekisa ukuba isithili sidibanisa ulwabiwo mali ngohlobo oluzokulungela imingeni ephumayo komasipala basekuhlaleni abangaphantsi kwesithili njengenxalenye yokukhawulezisa ukusonjululwa imingeni yonikezelo lweenkonzo kwisithili jikelele.

Konke oku kudibene ne District Development Model (DDM), inkqubo edibanisa yonke ne phucula indlela elungeleleneyo ukuphuhlisa iindawo zase dolophini nasezilalini ngokwenza ikhonco lemodeli enexabiso, ebeka phambili abo basweleyo.

Ngexesha lalenkqubo, bonke omasipala abangaphantsi kwesithili banikezele ngamawonga abo wosetyenziso lwemali kwi Municipal Infrastructure Grant (MIG), INEP, EPWP and WSIG ukuzothi GA ngoku. Lentlanganiso ibibanjelwe e-Disaster Management Centre e- Ixopo. Lentlanganiso ibizinyaswe ngusodolophu wakwisithili iHarry Gwala, usekela sodolophu womasipala iGreater Kokstad, abaphathi boomasipala, abalawuli kunye nabalawuli abazintloko bezimali kunye namagosa aphezulu asuka e- uBuhlebezwe, uMzimkhulu, Dr Nkosazana Dlamini-Zuma nase Greater Kokstad.

Usodolophu wakwisithili iHarry Gwala uceba. Zamo Nxumalo uthe bekuyeyonanto ibalulekileyo ukuba oomasipala bahlale bacwangcise ukuze i-MIG isetyenziswe ngohlobo olulo kwaye ngexesha ukunciphisa ukuqengqela ngaphaya.

"Kwinto esicetyiswe ngayo, ukuthumela abathunywa abanintsi kwi projekthi yingxaki kwaye idinga ukupheliswa lonto. Amagosa wengxelo adinga ukuxakeka ngokupheleleyo. Amagosa kufuneka abenobuchule eze nezisombululo zokusa omasipala phambili. Sidinga ukwazi into esijongene nayo, ingakumbi xakuziwa kwizivumelwano. Umba wokucwangcisa odibene nosetyenziso mali kumele kubeyinto engundoqo ekuxoxwa ngayo lulawulo ukuze sifumane iziphumo ezilungileyo. Kufuneka sicwangcisele nexesha elizayo. Abalawuli bezobugcisa kufuneka balazi nabo ibali labo, kwaye bazi iiprojekthi zabo. Umba wokuziswa kweenkonzo kufuneka ibengundoqo maxa wonke. Sidinga nokucinga ngaphaya kwaye sibenobuchule ekuqinisekiseni ukuba siyazihambisa iinkonzo," utshilo usodolophu u-Nxumalo.

Amagosa aphezulu wakwa Cogta KwaZulu-Natal ekhokhelwe ngu mlawuli: MIG, nkosikazi Chuleza Jama, ucebise omasipala ukuba baqinisekise ukuba iiprojekthi ze MIG zigqitywa kwangexesha.

"Amagosa wezengxelo okanye abalawuli bezobugcisa badinga ukuzibandakanya ngokugqibeleleyo kwi projekthi kwaye banciphise ukuthumela. Sidinga ukuqalisa iiprojekthi kwangexesha ukuqinisekisa ukuba zigqitywa kwangexesha," utshilo unkosikazi Jama.

Isithili besibamba iintlanganiso qho ngenyanga ukuxoxa nge nkqubela pambili ye MIG kunye nosetyenziso mali. Oku kwacetyiswa kwaye kuze neziphumo ezincumisayo. Ngoku isithili sizokuqalisa ukuba neentlanganiso rhoqo ngeveki kuxoxwa nge MIG.




**Umahamba ngendlwana we-ofisi yolutsha uzakunceda ulutsha ngokufuna umsebenzi, ukwenza izicelo sokungena edyunivesithi kwanokubazisela i-internet ezilalini. Le bhasi esuka kwi-ofisi yeNkulumbuso yamnkelwe sisiThili. Apha kungethuba umlawuli oyintloko uNkszn. N. Buthelezi esamnkela lebhasi kunye nabanye abaphathi.**

# I-OFISI ENGUMAHAMBA NENDLWANA YOLUTSHA

UKUSEBENZISANA nolutsha kwisithili sase Harry Gwala kubekelwe ukuphucula njengoba ngoku kukhona I ofisi ehambayo yolutsha eseyiqalisile ukuzisa iinkonzo kuluntu lwesithili.

Iofisi yenkulumbuso ngaphantsi kocandelo lolutsha ikhokhelwe ngu: Mu S.O. Ntuli (Chief Director) ekhatshwa ngu nkosazana N. Zungu (Acting Director), Mr S. Latha (Assisting Director)kwi Youth Skills Development kunye nonkosazana Y. Masuku (Youth Outreach Officer) bazise ngokusesikweni iofisi ehambayo yolutsha eyamnkelweyo kwi ofisi yesithili iHarry Gwala ngu nkosazana N. Buthelezi (Executive Director SSDP), Mnu R.Z. Langa (Manager Special Programmes) Mnu M. Mazibuko ( Acting Youth Coordinator) kunye no mnu T. Luswazi ( Admin Intern).

Injongo Yale ofisi ehambayo kukuphendula kwiintsika ze National Youth Policy (NYP) 2020-2030 kunye ne Provincial Integrated Youth Development Strategy (PIYDS) eyaqaliswa ukufezwa ngcono nokuqaliswa kweenkqubo ezidibaniselene nolutsha.

Le projekthi yenzelwe ukuncedisana nolutsha lwesithili iHarry Gwala lubambisene noomasipala bendawo. Le ofisi ehambayo exhotyiswe nge WiFi, umatshini wokushicelela kunye ne laptops izoncedisa ulutsha ngaphaya kubude nobufutshane besithili ukuze bakwazi ukuthatha iinkonzo zarhulumente bazise kuluntuwill. Phakathi kwezinye iinkonzo ezizoziswa zi ofisi ezihambayo zezi, kodwa zingabekelwanga mda, izicelo zika NSFAS, kunye nezicelo zokuxhaswa ngemali yeshishini nemfundo ephakamileyo. Le ofisi ehambayo izoba neenkqubo ezidityaniswe neentsika zontlanu zophuhliso lolutsha kwiindawo ezihlelelekileyo. Le ofisi ehambayo iqalise ukusebenza ngomhla wamashumi amabini anesithandathu kwinyanga uCandzibe kulo umiyo kumasipala wendawo uDr Nkosazana Dlamini-Zuma.

Lo mahamba ngendlwana waziswe ngusodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumali kwintlanganiso kawonke wonke ibibanjelwe eKoksatd kutshanje.

U Nxumalo oku kukufezeka kwephupho kulutsha lwesiThili.

"Oku kukufezeka kwephupho kulutsha lwethu nanjengoko bezakufumana iinkonzo kwiindawo zabo. Kuqala, ukuze bafumane iCV bafumane ne-internet bekufuneka bahambe imigama emide ukuya edolophini, ngoku ezonkonzo ziziswa kwiindawo zabo. Sinemincili ngalo mahamba ngendlwana, kwaye sinethema loluba ulutsha luzakuyisebenzisa," kutsho usodolophu Nxumalo.

Ngolwazi oluthe vetshe xhumana ne-Ofisi yasekuhlaleni okanye yesiThili:
**NDZ: Nqo Mbanjwa - 0798340075**
**NMZ- Adam Sikhosana - 0734447983**
**uBUHLEBEZWE - Sinethemba Nkontwana - 0743271186**
**GKM-Samkele Nondize - 0780119238**









**Ukulwa nomlilo kudinga izakhono, esi bekusisifundo esinikwe abasebenzi besiThili iHarry Gwala ngethuba kuqhutywa isilumkiso ngomlilo.**

# Injongo yesilumkiso ngomlilo emsebenzini

YONKE imihla abantu bayavuka baye kwiindawo ezohlukeneyo, emisebenzini okanye ezikolweni njengesiqhelo.

Kodwa, oku akuthethi ukuba ubomi babo bukhuselekile kwimililo engalindelekanga engabothusa.

Esi sisizathu esenza ukuba uMasipala wesiThili iHarry Gwala ukholelwe kukubaluleka ngokuqeqesha abasebenzi bawo ngendlela zokuzikhusela emlilweni.

Umasipala usingathe inkqubo yesilumkiso, ebikhokhelwa yi-ofisi yezempilo emisebenzini nokhuseleko, ngaphantsi kwesebe leenkonzo zemisebenzi kulo masipala.

Injongo yesi silumkiso kukulumkisa abasebenzi ngengozi yomlilo ongathi uvele ngaphakathi kwindawo abasebenzela kuyo nasemakhaya.

Icandelo lezomlilo eBuhlebezwe zenze umboniso womlilo.

Umphathi oyintloko kwiinkonzo zemisebenzi uNkskz Thobile Thiyane-Magaqa uthe kubalulekile ukuqhuba izilumkiso ezinje kubasebenzi ukuze bakhuseleke kwaye kukhuseleke nezakhiwo zikamasipala.

“Ulawulo lokhuseleko lomlilo luphucula ukusabela lwezentlekele xa kukhona umlilo. Okubaluleke kakhulu kuthi njengesiThili lukhuseleko lwabasebenzi bethu. Xa kunokuba khona umlilo, kufanele bakwazi emabakwenze. Futhi, le nkqubo ibibalulekile ukuqinisekisa ukuba isakhiwo sethu sikhuselekile emlilweni,” kutsho uThiyane-Magaqa.

“Senze nomboniso weenkonzo zomdibaniso nanjengoko sisebenza kunye namaqela ezentlekele kwisiThili ngakumbi kwisicima mlilo. Sibulela izicima mlilo zase-uBuhlebezwe ngokuba yinxalenye yesi silumkiso, xa sisebenza kunye, ngenene sihambisa iinkonzo siyakhula,” kugqibezele uThiyane-Magaqa.

Ngexesha lesilimkiso, abasebezi bafundiswe iindlela zokunqanda umlilo, ukucima umlilo nemabakwenze xa ukhona umlilo emsebenzini. Abasebenzi bafumene ithuba lokufunda ukusebenzisa izicima mlilo.

Intlekele yomlilo inganeziphumo zanaphakade.

Abantu bangalimala ngokumasikizi okanye basweleke, kungenzeka umonakalo omkhulu empahleni.

Ukuze ukhuseleke emlilweni kufuneka usebenzise indlela zokunqanda umlilo. Akhona amanyathelo alula ongawathatha ukunqanda ukulahleka komphefumlo nempahla ngenxa yomlilo.

- Musa ukutshixa okanye ukuvala iminyango neendawo zokuphuma xa kukhona umlilo, iiholo okanye izitebhisil. Iminyango yemililo iyanceda kwaye iphungula ukunwenwa komlilo nomsi. Musa ukuxhasa izithebhisi okaye ucango lomlilo.
- Funda indlela zokuphuma kwisakhiwo sakho ngexesha lentlekele. Qinisekisa ukuba wonke umntu uyazi emakakwenze xa kukhala i-alarm. Cwangcisa ufunde indlela yakho yokubaleka.
- Qinisekisa ukuba umphathi wakho ubonisa indlela yokubaleka kwiindawo zokuhamba ezinjengeepaseji.
- Yazi isandi se-alarm yomlilo yesakhiwo sakho ubeke iinombolo zoncedo olukhawulezileyo kufutshane neminxeba.
- Yazi ukuba ngubani ojongene nolawulo lozokhuseleko kwezomlilo. Qinisekisa ukuba akukhonto evala indlela yezi zixhobo kwaye uxele nokuba zeziphi iimpawu zokonakala okanye ukungasebenzi kwezixhobo kubalawuli besakhiwo.

# Iqumrhu lekomiti yolutsha nokubaluleka kophuhliso lolutsha



**Ikamva leli lizwe lisezandleni zolutsha, oku ngumbono wesiThili nowenejala yolutsha kwisiThili. I-ofisi yomanejala wolutsha isingathe ingxoxo yolutsha ukuphuhlisa ulutsha lwesiThili.**

NJENGENXALENYE yokuqinisekisa ukuba uphuhliso lolutsha lihamba ngokukhawuleza, ulutsha kwisiThili iHarry Gwala luthathe isigqibo sokuzimela ukuqinisekisa ukuba bayaxhamla kumathuba avelayo kule ngingqi.

Oku kwenzeka ngethuba kusungulwa iDistrict Youth Council enjongo zayo ikukukhulisa amathuba okukhusela uphuhliso lolutsha.

IYouth Council isulungulwe kucweyo oluntsukumbini obelubanjelwe eGlencairn kutshanje nalapho kugxilwe kwimiceli mngeni ejongene nolutsha, kuquka intswela ngqesho egubungele ulutsha kwisiThili, ibekwe phantsi kweliso elibukhali ukufumana isisombululo sokubancedisa kula mathuba.

Ucweyo belubanjwe ngaphantsi kweDr. Nkosanza Dlamini-Zuma Local Municipality njengenxalenye yokuxoxa ngemiceli mngeni ejongene nolutsha koomasipala abasemaphandleni.

Umhlahla ndlela kulommba ukhokhelele ekusunguleni iqumrhu leYouth Council nalapho uVuyo Zulu eye watyunjwa njengoSihlalo, esekelwa nguSboniso Dumakude. U Wandile Radebe utyunjwe njengonobhala wekhansile, esekelwa nguMxolisi Nyambose, ngelixa uKholeka Mngoma yena etyunjwe njengonondyebo. Amalungu ongezelelweyo nguMinenhle Khuboni, Msizi Lugaju, Awonke Bam, Nompumelelo Sibetha kunye noNaledi Mnini.

Owayesakuba ngumphathi wolutsha kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, uMnu. Qiniso Mnguni, onamava kwimiceli mngeni ejongene nolutsha kwisiThili uthe ubongoze amaqumrhu karhulumente nawabucala ukuba amanyane ukuqinisekisa impumelelo njengolutsha lwesiThili iHarry Gwala.

“Olu cweyo kufanele lusinike amandla amandla okuya phambili nokuphumelela silulutsha lwesiThili iHarry Gwala. Olu cweyo makungabi yindawo yokuthetha nje, kodwa malaziwe njengolugcwele iingcebiso ezizakwenza isisombululo sanaphakade semiceli mngeni ejongene nolutsha,” kutsho uMnguni.

Ukwamkele amalungu amatsha atyunjwe njengeenkokheli zekhansile wabakhuthaza ukuba bakhokhele ekubekeni phambili uphuhliso lolutsha.

“Nililizwi lolutsha kwisiThili, bameleni ngendlela elungileyo. Kufanele babone utshintsho ngoba banikhethile. Injongo ekufanele niyiphumelele kukuqinisekisa ukuba lukhona uphuhliso lolutsha kwisiThili,” kutsho uMnguni.

Abahlawuli beenkonzo zikamasipala ebebeyinxalenye yolucweyo awuka i-NYDA, Social Development, Democracy Development Program (DDP), The Berg Incubation Hub kunye ne- SAYC kwisiThili iHarry Gwala.

# Kupheliswa iingxaki zoluntu



**UMeya Wesithili uCeba uZ.D Nxumalo uhambele ithempeli iThandinkosi e-Underberg.**

IZIFO zezentlalo ekuzezona nobangela omkhulu wokwanda kobundlobongela obusekelwe kwisini okugutyngele uluntu olunintsi lwesithili iHarry Gwala kunyanzelise usodolophu wesithili, uceba Z.D. Nxumalo akhethe ungenelelo lukaThixo emema inkokheli yecawe yamaNazarethi "UNyazi LweZulu" Shembe kunye namalungu wakhe ukuzochitha iintsuku ezithile kwisithili kunye nokuphakamisa ngokomthandazo lemingeni kusomandla.

Usodolophu, uceba Nxumalo ukhokhele abathunywa phantsi kwesithili sakhe ukuyovakatsha kwicawe i-Nazareth Baptist Church Inkosi Mduduzi "UNyazi LweZulu" Shembe kwitempile yase-Thembeni e-Mzimkhulu.

Oku kubesemvakotyelelo lwakwi tempile i-Thandinkosi kwindawo yase Underberg.

Abathunywa kuwo womabini lamatyelelo ebefake osodolophu bakwi ndawo yase-Mzimkhulu, uBuhlebezwe kunye ne-Greater Kokstad, Dr. Nkosazana Dlamini Zuma, usekela sodolophu wesithili i-Harry Gwala, uceba T.N Jojozi, oceba kunye nabanye abahloniphekileyo.

Aba bathunywa bamnkelwe ngezandla ezishushu yiNkosi Unyazi Lwezulu, oguquke, wasikelela abathunywa bosodolophu wabanqwenelela okuhle kwiinkonzo zabo ezilungileyo kuluntu.







**Igqiza elikhokhelwa ngusodolophu wesiThili iHarry Gwala uceba Z.D. Nxumalo utyelele eThembeni Temple eMzimkhulu.**








**Amakhosi kwisiThili iHarry Gwala afumene ithuba lokufunda ngolawulo lwezentlekele ebelusingathwe licandelo lezentlekele lesiThili. Amakhosi afumene ithuba lokuxoxa nesiThili ngokulwa neentlekele kwiindawo zawo noluntu lwawo. Amakhosi aye anikwa izixhobo ezizakuwanceda kwiindawo zawo xa ejongene nentlekele.**

# Ucweyo lolawulo lwezentlekele laMakhosi

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uqhube ucweyo lolawulo lwezentlekele leenkokheli zomthonyama kutshanje.

Olu cweyo beluzinyaswe ngaMakhosi asuka koomasipala abangaphantsi kwesiThili, iProvincial Disaster Management Centre, iSouth African Weather Services (SAWS), usekela sodolophu wesiThili uceba T.N. Jojozi, abahlawuli beenkonzo zikamasipala kunye nabaphathi.

Injongo yolu cweyo ibikuku xoxa ngemiba ephathelene nemililo kunye neenkonzo zohlangulo.

I-SAWS igxininise kwiimpembelelo ngoku phathelene nezilumkiso zemozulu embi, ngelixa amanye amasebe enze izilumkiso equka isebe lokuhlaliswa koluntu. Umbhexeshi wenkqubo, umlawuli oyintloko uNkosikazi T.T. Thiyane-Magaqa ugxininixe ukubaluleka kokuqwalasela indalo yokusingqongileyo nanjengoko kudlala indima enkulu ukunqanda ukwehla kweentlekele.

Ukubuyela kundalashe noku sebenzisa iindlela zakudala yeyona ndlela elula yokunciphisa umonakalo emva kwentlekele yendalo. “Luxanduva lomntu wonke ukudlala indima ethile ekukhuseleni indalo yethu yokusingqongileyo,” utshilo uNkszn. T. Gumede weSAWS.

Amakhosi athe ayalivuyela eli nyathelo elithatyathwe ngumasipala nanjengoko liba lungiselela ukumelana nentlekele kunye nezinto eziphathelene nemililo kwiindawo zawo.

Umphathi oyintloko wesebe leSocial Development and Planning uNkszn. N. Buthelezi, kuye nosekela sodolophu banike Amakhosi izixhobo ezizakubancedisa kwiindawo zawo xa bejongene neentlekele zendalo nemililo.

**ISISOMBULULO**

- Amaziko olawulo lwezentlekele kufuneka aqinisekise ukubandakanya iinkokheli zomthonyama ngokusebenzisa amaqonga eengcebiso, iinkqubo zokwakhana, uhlolo lwengozi, ukwehlisa ingozi, ukusabela intlekele nokukhuthaza ulwazi lwamandulo.
- Amakhosi ayabongozwa ukuba ameme iinkonzo zemlilo zohlangulo xa befuna ukwenza amabhanti omlimo.
- Ukusika kwemihlaba ngAmakhosi bencediswa zInduna, kufanele kuqinisekise ukuba umhlaba wophuhliso uyangqinelana nemithetho karhulumente yophuhliso.
- Mabazibandakanye neengxoxo zeengcebiso zolawulo lwezentlekele zikarhulumente.
- Amakhosi mawancedise ukufundisa nokuqhuba izilumkiso koluntu, ngakumbi ulwazi lwamandulo.
- Mabaqhube uphicotho lwazo zonke iindawo ezithandwa ziintlekele ukuncedisana nokunciphisa iintlekele neendlela zokwenza lula ukuzinqanda.
- Baphucule isisombululo esiphembelelwa ngamalungelo oluntu xa kuqhathaniswa nesisombululo sobuntu.








**Ilizwi elinqanda ukuxhatshazwa ngokwesini (GBV) kwindawo yaseMzimkhulu. Umphathiswa wesebe lophuhliso loluntu utyelele le ndawo kunye nabanye abaphathi abasuka kumasipala wesiThili naboomasipala basekuhlaleni ukulwa neGBV.**

# UMPHATHISWA KHOZA UBONGOZE ULUNTU LWASEMZIMKHULU UKUBAMBISANA NORHULUMENTE

UMPHATHISWA wophuhliso loluntu KwaZulu-Natal, uNonhlanhla Khoza ubongoze uluntu lwaseMzimkhulu ukuthatha inxaxheba kwiinkqubo zikarhulumente, lungalahli ithemba nokuba izinto zihamba kancinci, oku akuyominqweno yabo xa kuziwa kuhanjiso lweenkonzo.

UKhoza ebethetha kwilali iMachunwini nalapho evumile ukuba uhanjiso lweenkonzo lungahamba kancinci kunasezidolophini nanjengoko zona zifikeleleka lula, kodwa kwizicwangciso zabo bengu rhulumente iindawo ezisemaphandleni ziphezulu kuluhlu lwabo. Ubongoze uluntu ukuba limethembe urhulumente, nanjengoko enenkathalo ngakubo.

Umphathiswa uthe ulawulo oluxhuzula imikhala lukhokhelwa ngabantu abayivisisayo ingxaki yabantu basezilalini kwaye basebenze nzima ukutshintsha imeko yabo. Ethetha kwibala lezemidlalo eMachunwini kwaWard 12, ngaphantsi koMzimkhulu Local Municipality, umphathiswa Khoza uqinisekise abahlali ukuba urhulumente akahlalanga nje ngelixa bona besifa yindlala kwisiThili iHarry Gwala.

“Urhulumente waKwaZulu-Natal ukwiphulo lokukhawulezisa uhanjiso lweenkonzo nokuphelisa ukusilela kuphuhliso nenkxaso yoluntu,” utshilo.

Ukongeza koku, uveze ukuba le nkqubo yinxalenye yeDistrict Development Model (DDM), enjongo zayo ikukuzibandakanya kwindlela egxile kwisiThili ukuqubisana nemiceli mngeni ejongene namasebe ohlukeneyo karhulument.

”Asifuni kubona mntu olala elambile, kungoko kukhona ungenelelo esilwenzayo njengo rhulumente onenkathalo. Sifuna nokubona isiko loBuntu libuya nalapho kungekho mntu ozakuthula ngelixa umakhelwane wakhe esengxakini ngenxa yendlala. Sifuna ukubona ubomi babantu butshintsha,” utshilo umphathiswa.

Njenge nxalenye yenkqubo karhulumente yokufikelela eluntwini, amasebe ohlukeneyo, kuquka iHome Affairs, Social Development, Agriculture and Rural Development, Human Settlements, Health, kunye neSouth African Social Security Agency (SASSA), iNational Development Agency kwakunye neSouth African Police Services (SAPS), zizakudibana ukuze zisabele izidingo zabantu

Abantu bafumene ithuba lokubhalisela oomazisi abatsha, iziqinisekiso zokuzalwa, benza izicelo zenkxaso yabantwana kunye nenkam-nkam.

Umphathiswa Khoza uthe urhulumente ukhethe ukuzisa iinkonzo kufutshane nabantu.

“Sifumene iingxelo zokuba abanye abantu bahamba imigama emide ukuze babhalisele oomazisi neziqinisekiso zokuzalwa. Asizukuyivumela into enjalo ukuba yenzeke, kodwa singu rhulumente, sizisa iinkonzo ebantwini ukuze bangasebenzisi imali yabo yenkxaso ukuhamba, kodwa bathenge ukutya bondle iintsapho zabo,” utshilo umphathiswa Khoza.

Umphathiswa Khoza uqhube umgushuzo olwisana nokuxhatshazwa ngokwesini kwiRenki yeeTaxi eRietvlei, apho ekhuthaze khona abantu ukuba babambisane ukulwa lomkhuba.

“Siyavuya ukubona ukuba iintsapho uzinakekela abantu abadala kule ndawo. Sixhalabile nanjengoko sifumana iingxelo zokuxhatshazwa nokudlwengulwa kwabantu abadala. Sibongoza abantu ukuba baxele izenzo zodlwengulo emapoliseni ukuqinisekisa ukuba izophuli mthetho ziyabanjwa zigwetywe,” utshilo.

Umphathiswa Khoza uthe izenzo zodlwengulo ngeke zisonjululwe ngokukhupha intlawulo kiintsapho zamaxhoba.




**Bekungumzuzu olusizi ngethuba isiThili iHarry Gwala sisithi ndlelantle komnye wabalawuli abayintloko uMnu. Gqiba.**

# IsiThili sithi ndlelantle kumphathi

NANGONA ebesaziwa njengomsebenzi onomsindo okufutshane, kodwa ebeqinisekisa ukuba uhanjiso lweenkonzo luyenziwa kuluntu laseHarry Gwala.

Umsitho wokuthi ndlelantle kuMnu. D.S. Gqiba, owayesakuba ngumphathi kwicandelo leenkonzo zamanzi, bekungekho kuhle konke konke koogxa bakhe, bebenxunguphele usizi lubhalwe emehlweni abo. Ushiye kwisikhundla sakhe sokuba yinjieli yesiThili ukuya kumadlelo aluhlaza emva kokukhokhela ulawulo lweenkonzo zamanzi ezijongene nokuhlinzeka ngamanzi nogutyulo lwelindle kusapho looMasipala besiThili koomasipala basekuhlaleni, uBuhlebezwe, uMzimkhulu, iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma kunye neGreater Kokstad.

Esenza intetho yakhe yokuthi ndlelantle, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo uthe, bekukubi ukuvalelisa kuMnu. Gqiba nanjengoko edlale indima ebaluleke kakhulu ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle ziyahanjiswa kuluntu lwesiThiili iHarry Gwala.

Usodolophu Nxumalo uthe umangalisiwe kwaye uyawuhlonipha umoya kaGqiba ogcwele isakhono sokumamela, nobugcwele imvisiswano.

“U Gqiba ngumntu olungileyo osebenzele umasipala ngentlonipho, ukuzinikezela nangokuzimisela. Ndiyamhlonipha, le yilahleko kumasipala neKwaZulu-Natal kodwa kumphathi wakhe olandelayo, yinzuzo,” kutsho usodolophu Nxumalo kwintetho yakhe yokuvalelisa.

Ephendula uMnu. Gqiba uthe ebengawulindelanga umsitho onje wokumvalelisa, kodwa uyabulela. Uthe bekulixesha elingamnandanga kuye, uva kabuhlungu kakhulu nanjengoko eshiya umasipala engaifezekisanga eminye yeminqweno yakhe eneyifuna ngethuba eqala umsebenzi wakhe njengomlawuli wenkonzo zamanzi.

Uthe konke angakufezekisanga unqwenela ukuba ulutsha oluzakulandela emva kwakhe luqhubeke apho eshiye khona luye empumelelweni. Wenze umbulelo kwiinkokheli zezopolitiko nabaphathi, abakhokhelwa nguMphathi woMasipala uMnu. G. Sineke ngenkxaso abamnike youna. Ugqithise umbulelo nakoogxa bakhe kwisebe leenkonzo zamanzi ngokuzimisela nokuzinikezela kwabo.

“Kubuhlungu ngenene kum, ukuhamba ngoku, kuninzi ebenisanqwenela ukukwenza kwesi siThili esihle, kubuhlungu ukuhamba kwama ndingafezekisanga onke amaphupho wam,” utshilo uMnu. Gqiba.



**Unozakuzaku weHarry Gwala District Marathon uBongumusa Mthembu ufuna okuninzi koomasipala ngokoyamene namaziko ezemidlalo kwanokuxhasa ezemidlalo kwisiThili. Usungulo noondondaba beluzimaswe ngamajelo oonondaba angaphaya kwamashumi amabini, abaphathi kunye nesebe lezemidlalo, ubugcisa kunye namagugu.**

# KUSUNGULWA IHARRY GWALA DISTRICT MARATHON NOONONDABA

**Unozakuzaku weMarathon yesiThili uBongumusa Mthembu, ngeke akufumane ukuphumla nokuba angalandulela eli xa kunokungakhiwa isikolo okanye iziko lezemidlalo kwisiThili...**

OYINTSHATSHELI yeComrades Marathon uMthembu, ubongoza oosomashishini basekuhlaleni ukuba batyale imali kwezemidlalo ukuze isiThili, esineembaleki ezaziwayo nabadlali abaphumelelyo, sikwazi ukuphuhlisa ezemidlalo.

Akawaxubanga amazwi akhe xa esitsho ukuba badinga amaziko okuphuhlisa ezemidlalo. “Sibongoza oosomashishini bethu basekuhlaleni ukuba babuyisele eluntwini, batyale imali ngokwakha la maziko ngoba isiThili iHarry Gwala senza kakuhle kwezemidlalo,” kutsho uMthembu.

Oku ukuthethe ngethuba kusungulwa ngokusesikweni iHarry Gwala District Marathon nesibhozo eSoweto Hall e-Ixopo kutshanje.

U Mthembu wenze isicelo nakubalawuli bomasipala noosopolitiki ukuba banike iindawo ezisemaphandleni ingqwalasela kuphuhliso lwezemidlalo nanjengoko iimbaleki ezininzi zisuka kwiilali ezineendela ezinothuli kwingingqi yaseHarry Gwala.

“Ndiyavuya ukubona oosodolophu, oosekela sodolophu, abaphathi kunye nezinye iinkokheli zezopolitiko apha namhlanje. Ndiyavuya futhi ngoba abanye babo bazakuthatha inxaxheba kulo mdyarho. Njenjembaleko ezingcayo esuka emaphandleni kumasipala wesisiThili, ndiyababongoza ukuba baqalise ukwakha iindawo zezemidlalo ezizakusetyenziswa njengamaziko ophuhliso lwezemidlalo. Ngeke sinjazijongi iindawo ezifana ne-Underberg, Bulwer, Donnybrook ne-Ixopo, ngoba ininzi italente kwezo ndawo. Xa unokujikeleza uMzantsi Afrika ungafumanisa ukuba uninzi lweembaleki ezibalaseleyo lisuka kwezi lali, kutheni singatyali imali kwezi ndawo? Bendityelelwe ngabahlobo ngezinye iiholide befuna ukubona apho ndihlala khona, ngamanye amaxesha bekundenza iintloni ukuthi akukho nebala elihle lezemidlalo. Kodwa lo mdyarho undinika ithemba lokuba oomasipala kukhona abakwenzayo ukuqinisekisa ukuba kukhona isiko lophuhliso lwezemidlalo kwiilali zethu,” utshilo uMthembu.

Uthe, isikhokhelo esilawulayo masingalibali ukuba lo masipala uvelise iimbaleki ezifana noWillie Mtolo (owaphumelela iNew York Marathon), Thobani Chagwe (owaphumelela iMandela Marathon), naye (owaphumelela iComrades Marathon kathathu), nabanye. U Chagwe naye ungunozakuzaku walo mdyarho. Uncome uMasipala wesiThili iHarry Gwala nababambisene nawo ngokuqinisekisa ukuba basingatha lo mdyarho.

“Umdyarho ofana nalona kufuneka uqhubeke kwaye ukhule ngoba uninzi lweembaleki zizakukhula ngenxa yawo. Ndiyazingca ukuba yinxalenye yomdyarho kwidolophu yam,” utshilo uChagwe.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uZamo Nxumalo uthe le ndawo ihleli icocekile kwaye ikhuselekile kwiimbaleki.

“Isizathu esidala uninzi lweembaleki lube nomdla wokungenela imarathon yethu kungenxa yokusingqongileyo, imozulu kunye nomoya ococekileyo. Indawo yethu ayingcolanga, umoya wethu ucocekile ngakumbi kwaye nendlela yethu ihamba kwiintaba ezintle ezizothileyo. Sifuna neembaleki zethu zasekuhlaleni zithathe inxaxheba kulo ndyarho, ngakumbi ulutsha,” kuchaza uNxumalo.

U Masipala wesiThili iHarry Gwala, ngokubambisana no-uBuhlebezwe Local Municipality, uMzimkhulu Local Municipality, isebe lezemidlalo, Genius Athletic Club kunye nabanye abahlawuli beenkonzo zikamasipala basebenze ngobumbano ukuqinisekisa impumelelo yaletumente



Abaqeshi bagunyaziswe ngokomthetho i- Occupational Health and Safety Act, 85 of 1993, ukuba baqinisekise ukuba indawo yokusebenzela ikhuselekile, icocekile kwaye ayinabungozi. Ngenxa yesi sizathu uMasipala wesiThili iHarry Gwala usungule uxanduva lokuhlinzeka ngezixhobo zokhuseleko (PPE) kubasebenzi bawo ngenjongo yokwenza indawo ecocekile nekhuselekileyo yokusebenzela.

Umasipala wesiThili iHarry Gwala uqinisekisa ukuba abasebenzi abavumelekileyo, banikwa izixhobo zokhuseleko (PPE) ezivunyiweyo yiHealth and Safety Requirements kubo bonke abasebenzi ngokwe-Occupational Health and Safety Act and Regulations. Umasipala ukwaqinisekisa ukuba abasebenzi besebenzela kwindawo ecocekileyo enganabungozi, kwaye uthatha namanyathelo okuphungula intlekele kangangoko unakho, unika ngaphandle kwentlawulo nokugcina indawo icocekile, nezinto ezifana nezixhobo zokhuseleko apho kukhona isidingo ukuqinisekisa ukuba wonke umntu usebenza kwindawo ezinobungozi uhlala ekhuselekile ngalo lonke ixesha, kwaye nendawo yokusebenzela ihlala ikhuselekileyo.

